Njinga & Sepé: Revista Internacional de Culturas, Línguas Africanas e Brasileiras
São Francisco do Conde (BA) | vol.6, nº Especial II | p.347-349 | agosto 2026.

Language: isiXhosa

# UGqirha Nkosazana Dlamini-Zuma

**Thulani SIMAYILE**
Department of African Languages, University of Stellenbosch,
Cape Town, Western Cape
E-mail: simayileta@sun.ac.za
ORCID iD https://orcid.org/0009-0008-2062-9566

1. Bayethe! Ndlovukazi!
2. Bayethe! Nozizwe!
3. Ntsundukazi esakhono saqingqwa yiManzimtoti,
4. Gqirhakazi owathweswa yiDyunivesithi yaseNatala,
5. AmaNgesi kambe akothulel’ umnqwazi eBristoli,
6. Apho wenz’ ezibukwayo unguMdakakazi,
7. USobhuza usathetha ngawe unanamhla,
8. Kaloku wathinjwa sisakhono sakho,
9. Mini utshayinta kwisibhedlele saseMbabane.
10. Namhla ilizwe liyancuma nguwe,
11. UKhongolose uqingqe ngawe;
12. EzeMpilo ziphuhliswe nguwe;
13. EzaNgaphandle zihlangulwe nguwe;
14. EzeKhaya ziphuculwe nguwe;
15. EzoZakuzo zicibiyelwe nguwe;
16. Ezi zikhundla zonke zinehlombe ngawe,
17. Ngoba unyathele akwamila ngca.
18. IAfrika kambe ikothulel’ umnqwazi,
19. Kaloku uyakhile yaluqilima,
20. Wathi mayizingce ngobuzwe bayo,
21. Kuba iyadlisela ngezimbiwa zomhlaba.
22. Uthethe wophela ngobumbano,
23. Wathi umanyano ngamandla,
24. Ukuze luhlum’ uthango lookhokho.
25. EAfrika uyinkokheli yamazibulo etyhini;

26. Ukulawula iinkokheli zelizwekaz’ iAfrika.
27. Ubhexeshile ululanyelwa nangoozwilakhe,
28. Amadoda aqhel’ ukuziphatha nokuzigqibela;
29. Khange uwanik’ umtyhi woobholel’ ecaleni,
30. Ubamokothis’ imu bangoothobasikutyele,
31. Kwatsho kwagqub’ imvano nokuthobelana,
32. Kwatsho kwagqam’ ubuhle belizwekaz’ iAfrika.
33. Uyifincile iminyaka yobunkokhelikazi,
34. Wabuyel’ ekhaya uthwel’ intshinga,
35. Kwabethw’ iingqongqo kungqungqwa,
36. Kwavunyw’ amagwijo obuhandiba bakho,
37. Kwadlotywa okwamathol’ entlakohlaza,
38. Kwathiwa ubunkokheli bobakho nasekhaya.
39. Imihlola nezimanga azingephel’ eMzantsi Afrika,
40. Kwavuk’ intiyo nobutshaba kuNozizwe,
41. Kwathiwa ayingangaye ukukhokhel’ uMzantsi Afrika,
42. Kwathiwa ungaphezu kwakh’ uMzantsi Afrika,
43. Yatsho imithetho yezikhundl’ eMzantsi Afrika,
44. Yathi makavuthulul’ uthuli lweAfrika,
45. Yathi yomqhola ngeziqholo zoMzantsi Afrika,
46. Khon’ ukuze ivumba limtsalele abalandeli,
47. Yamtsho wanomtha wedolo uNozizwe,
48. Wathi kambe ikhaya likhaya;
49. Wowalulamel’ amagunya de kulunge.
50. A-a-a! Nozizwe!
51. Ncincilili-i-i!

## Author’s Bio

**Ibhayografi**

**UThulani Simayile** ngumhlohli kwiSebe leeLwimi zesiNtu kwiYunivesithi yaseStellenbosch. Uqukumbela isidanga sePhD kwizifundo zokufundisa ulwimi nethiyori ye-apreyizali kuncwadi. Uphando lwakhe lobungcali lukwithiyori ye-apreyizali, imfundo ngeelwimi ninzi, ukufundisa okusekelwe kuhlobo lwejanri, uphuhliso lokwazi ukubhala nokufundisa, uncwadi, kunye nezifundo zophuhliso lweelwimi zesiNtu (kubandakanywa nezifundo zenkcubeko). Amava ngezifundo zakhe aquka izifundo zeYunivesithi yaseStellenbosch, iYunivesithi yaseMzantsi Afrika (UNISA), iLawrence Bible University, kunye neKing Jesus

Bible Institution. Njengesifundiswa, unamava okufundisa nokufunda kwimfundo ephakamileyo nakwimfundo esisiseko. Ukwanamava ekuphuhliseni ikharityhulam nasekufundiseni abafundi abangekathweswa zidanga nabasele benezidanga. Njengombhali ophume izandla, sele ebhale iindidi ngeendidi zoncwadi eziquka iinoveli, iidrama, isihobe, namabali amafutshane esiXhosa, nalapho athe waphumelela ukuwongwa ngeembasa eziquka iSanlam Prize for Youth Literature, iSouth African Literary Award for Youth Literature neNational best author award for African languages.

**Thulani Simayile** is a lecturer in the Department of African Languages at Stellenbosch University. He is pursuing a PhD in language teaching and appraisal theory in literature. His specialisation research is in appraisal theory, multilingual education, genre-based pedagogy, academic literacy, literature, and African language development studies (including cultural studies), among others. His previous qualifications include studies at Stellenbosch University, University of South Africa (UNISA), Lawrence Bible University, and King Jesus Bible Institution. As an academic, he has experience in teaching and learning in higher education and basic education teaching. He also has experience in curriculum development and teaching academic literacy (to undergraduate and postgraduate students). As an author, he wrote several genres including novels, dramas, poetry, and short stories in isiXhosa for which he has won awards, including the Sanlam Prize for Youth Literature, the South African Literary Award for Youth Literature, and the National best author award for African languages.

Recebido em: 03/2026

Aceito em: 30/07/2026

**Para citar este texto (ABNT):** SIMAYILE, Thulani. UGqirha Nkosazana Dlamini-Zuma. *Njinga & Sepé: Revista Internacional de Culturas, Línguas Africanas e Brasileiras.* São Francisco do Conde (BA), vol.6, nº Especial II, p.347-349, agosto 2026.

**To cite this text (APA):** Simayile, Thulani. (august 2026). UGqirha Nkosazana Dlamini-Zuma. Njinga & S*epé: Revista Internacional de Culturas, Línguas Africanas e Brasileiras*. São Francisco do Conde (BA), 6 (Special II): 347-349.